higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
(Iphepha lokuqala**)**
NQF LEVEL 2

(4101222)

27 November 2020 (X-paper)
09:00–12:00

Esi sixhobo sokuhlala sinamaphepha ama-9.

125Q1N2027

Akuvumelekanga ukufotopa eli phepha

Tyhila iphepha

IXESHA: 2 IIYURE
AMANQAKU: 140

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMAHLANU.

   ICANDELO A:Uvavanyo Lokuqonda

   ICANDELO B: Ushwankathelo

   ICANDELO C:Okubonwayo

   ICANDELO D:Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

   ICANDELO E:Ulwimi olusetyenziswa kunxibelelano

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Funda YONKE imibuzo ngocoselelo.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha.

5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UKUFUNDA NOKUNIKA KWEEMBONO

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA 

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Eyona nto kufuneka siyiqonde ngokhenketho kukuba impumelelo ephambili yalo luncedo olunikwa iindwendwe ezingabakhenkethi nabo banenxaxheba ekwamkeleni iindwendwe kufuneka bazimisele nangaphezu kwendlela abamele ukusebenza ngayo. Iba luxanduva lwabaququzeleli bokhenketho ukwazi ukuba abakhenkethi bafuna ntoni, kwaye belindele ntoni. Masiqonde ukuba kukho umahluko phakathi kweemfuno kunye nokulindelekileyo kumkhenkethi. Xa sinokukhe sicacise nje singathi iimfuno zingunobangela wokuba umntu azimisele ukuchitha imali ngento ethile, ngaloo nto ayifunayo. Umntu xa sele eyifuna into leyo uxolela ukuchitha namalini na okanye ukulahlekelwa nayintoni ukuze abe nokuyifumana loo nto ayidingayo kwezokhenketho. Kanti okulindelwe ngumkhenkethi kuhamba nomtsalane kwinto ethile. Zezo zinto kanye esiya kuthetha ngazo apha nezikholisa ukuba ngumtsalane kwinto ethile.

Ukhuseleko yenye yezinto ezingundoqo neziyimfuneko kukhenketho. Kukho ubuxelegu esebuthande ukwanda apha eMzantsi Afrika, buxelegu obo buthi buhambelane nobugwinta. Xa ilizwe ligqugqise ngobundlobongela kwenzeka amahlazo angamanyumnyezi kowevayo. Idumile into yokuphangwa, ukubulawa, ukuhlaselwa nokudlwengulwa kwabakhenkethi luluntu lwakowethu. Kuka ninzi-ninzi sifunda kumaphepha-ndaba izinto ezimasikizi nezicacisa phandle ukuba ukhuseleko lweli lizwe luyekeyeke. Iindaba ezinje zigqibe lonke elimiweyo. Umbuzo esiye sizibuze wona singabemi beli ngowokuba ingaba abenzi bobu bundlobongela sukuba kufike ntoni ezingqondweni zabo xa besenza la manyundululu? La manyala abeka ilizwe lethu esichengeni sokuba kuthiwe uMzantsi Afrika lilizwe lezilwanyana kuphela. Ezi ndaba zithi zakunwenwa zibulale ukhenketho.

Ukugwintwa kwabakhenkethi kuthabath'unyawo kwindawo ezisemaphandleni. Masikhumbule ukuba abakhenkethi abasuka kumazwe aphesheya bathanda iindawo ezisemaphandleni kunye namanxweme azo. Amanxweme aphaya phesheya kweNciba athandwa kakhulu ngabakhenkethi abavela ngaphandle nabavela ngaphakathi kweli kuba anendalo entle nengaphazamisekanga. Kukwakho nenkolo yokuba akukho lungcoliseko lomoya lungakanani kwiindawo ezisemaphandleni. Eyona nto idikayo kukuba abanye bezi zigwinta ngabantu abaphuma kwalapha kubahlali, besaziwa kwangokunjalo, kodwa amagosa ezomthetho ayankantsa xa esenza uphando engacholi nyaniso. Isimanga sezimanga ikwangabo nabasoloko begxibha uRhulumente ngokungaphuhlisi iindawo zasemaphandleni. Endaweni yokuziphuhlisa ngokuvula iindawo ngeendawo ezitsala abakhenkethi nokuvula amathuba emisebenzi, batsho ngokulibala ukwenza la manyumnyezi.

Enye into ebalulekileyo ngokuphuhla kokhenketho kukuba ilizwe eli lingadumi ngezifo eziyingozi nezosulelayo. Enye yezinto ezigcina ilizwe lingenazifo zitheni lucoceko lwalo. Akukho namnye umkhenkethi ofuna ukuza endaweni aza kufika osuleleke zizifo kuyo kuba naye phambi kokuba ashiye ilizwe lakhe uqala axilongwe ukuze kuqinisekwe ukuba akanasifo anaso. Yiyo le nto umntu ngamnye oshiya ilizwe lakhe kufuneka egonyiwe.

Ukunqanda ukubhebhetheka kwezifo, uMasipalathi kufuneka aziqwalasele iinkonzo ezingundoqo. Kufuneka egcine ucoceko kuba iindawo ezimdaka zijikelezwa zizinambuzane ezithwala izifo. Kufuneka amanzi ecocekile. Xa ngaba uMasipalathi engakunanzanga ukwakhela abantu izindlu zangasese ubeka impilo yabantu esichengeni kuba amanzi aye afumane ungcoliseko emva kwezikhukula. Lolu ngcoliseko oluye lubangele izifo ezifana nesifo sotyatyazo. Singathetha litshone ilanga ngemiba echaphazela ukukhuliswa kwezokhenketho.

[Sicatshulwe kwincwadi 'Masikhanyise' ngokubhalwe nguM.M.I.Swana noN.Tamsanqa sahlelwa.]

1.1 Nika izinto zibe ntathu ekufuneka ziqondwe eziphambili kwezokhenketho? (3)

1.2 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba umkhenkethi uxolele nantoni na elungiselela ukhenketho. (2)

1.3 Ziintoni ezikhokhela izidingo zomkenkethi? (2)

1.4 Nika izinto zibe mbini ezingundoqo kukhenketho? (2)

1.5 Chonga izinto ezimbi ezehlela abakhenkethi. Bhala zibe ne. (4)

1.6 Aveza ntoni engentlanga amaphephandaba ngobume besizwe sethu? (2)

1.7 Ngokwalapha kwisicatshulwa, yintoni ethabathe unyawo enokuphazamisa ukhenketho. (1)

1.8 Kutheni le nto abakhenkethi abasuka phesheya bethanda iindawo ezisemaphandleni? (2)

1.9 Yinyani okanye asiyonyani into yokuba izaphuli-mthetho azibanjwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.10 Kutheni le nto zingaphuhli iindawo ezisemaphandleni zokhenketho? (2)

1.11 Benza ntoni abakhenkethi phambi kokuba bandwendwele ezinye izizwe ukuzikhusela empilweni? (2)

1.12 Yintoni ekufuneka yenziwe nguMasipalathi ukunqanda ukubhebhetheka kwezifo? (2)

1.13 Sifo sini esibangelwa lungcoliseko lwamanzi. (2)

1.14 Yeyiphi enye into edodobalise ukhenketho kwilizwe lethu? (2)

[30]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule usishwankathele:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.

2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.

3. Upelo,iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke. 

4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.

Umama wam soloko inguye ondikhuthazayo nondinika amandla. Nangona engumntu oneentloni, ngoyena mntu womeleleyo endimaziyo. Kwiminyaka emihlanu edlulileyo,amandla wakhe andinceda kwelona xesha lalinzima kakhulu ebomi bam.

Kunyaka wam wokugqibela kwisikolo esiphakamileyo ubomi bam baguquka mhla imbumbulu ephambukayo yandibetha entanyeni ngexesha kwakusiliwa ethekweni. Umnqonqo wam wenzakala ndaze ndafa amanqe. Ngexesha ndise sibhedlele, umoya wam wawophukile kakhulu kuba ndandingasayi kuze ndikwazi ukuzimela kwakhona. Ndaziva ndingaselolutho ebomini. Umama wandimangalisa ngeli xesha. Wazama ngazo zonke iindlela ukundithuthuzela nokuphakamisa umoya wam kodwa ngenxa yokokuba ndandisezintlungwini kwaye ndinomsindo, andizange ndikubone oko wayezama ukukwenza.

Ngeloo xesha ndandicinga ukuba luxanduva lwakhe njengomzali ukundinceda. Ngexesha ndibuyiselwa kwisimo sesiqhelo, ndakhathazeka ngakumbi. Ndacinga ngabahlobo bam kunye nabalingane ababebhala iimviwo zokuphela konyaka. Ndandifuna ukuzibulala kodwa umama wandisindisa engakwazanga oko ndandikucinga.

Elo xesha lalinzima kakhulu kum, ndamxelela ukuba ndifuna ukuzibulala. Wathi, “ukuba oko yinto oyifunayo, akukho nto inokwenziwa ngomnye umntu. Ingaba uzinike ithuba elaneleyo lokucinga ngoko uza kukwenza? Uthini ngabantu oza kubashiya ngasemva? Ingaba baya komelela ngokwaneleyo ngaphandle kwakho?

Iinyembezi zathi waxa. Ndaqonda ukuba lonke ixesha bendicinga ngam kuphela, ndaze ndasilela ukucinga ukuba abantu abandingqongileyo bayavuya kuba ndiphilile kwaye ukufa kwakuza kuba yintlungu kubo. Ngenxa yenkuthazo kamama, ndagqiba esikolweni ndaza ndaya ekholejini. Ngenxa kamama ngoku ndinamaphupha nolangazelelo. Ndiyacinga ukuba ngenye imini nam ndiya kuba nobuntu komnye umntu. Wandifundisa ukuba mandingabavumeli abantu bandisizele. Ndiyambulela ngokuba ngumlondolozi wam.

[Sicatshulwe kwincwadi ‘Isisombululo sethu’ ngokubhalwe nguJ.N. Mdekazi sahlelwa.]

[10]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: OKUBONWAYO

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Qwalasela esi sibengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Uthatyathwe kwi-Intanethi wahlelwa.]

3.1 Yintoni le ibhengezwayo apha? (2)

3.2 Sithini islogani sesi sibhengezo? (2)

3.3 Nika izinto zibeNE onokuzenza koku kubhengezwayo. (4)

3.4 Kuthetha ukuthini oku:

'… ihlabathi liphela kwisizwe esinye' (2)

3.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli:

… ukodlula zonke iindawo zaselizweni. Olu lulwimi (oluqhathayo/olukhuthazayo.) (2)

3.6 Nika izinto zibene ezixhamlwa ngumkhenkethi kule mali ibizwayo. (4)

3.7 Ucinga ukuba eli xabiso libizwa apha lifanelekile? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.8 Zibizwa ngaliphi igama ezi zilwanyana? (2)

3.9 Nika igama lendawo apho zigcinwa khona ezi zilwanyana ngokwalapha kwesi sibhengezo. (2)

3.10 Ucinga ukuba yintoni injongo yesi sibhengezo.? (2)

3.11 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli:

Esi sibhengezo siveza umba (wezopolitiko/wezokhenketho.) (1)

3.12 Leliphi iqumrhu onokuqhagamshelana nalo xa unomdla kwesi sibhngezo-ntengiso? Bhala iqumrhu elo uze unike nedolophu elimi kuyo. (2)

3.13 Yeyiphi inombolo enokusetyenziselwa uqhagamshelwano? (1)

3.14 Ingaba iTable Mountain ikweyiphi idolophu? (2)

[30]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

ICANDELO D: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 4

4.1 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha elizayo.

Umama uphethe usana. (2)

4.2 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha eladlulayo.

Babaleke badinwa. (2)

4.3 Bhala esi sivakalisi sibe kwixesha elidluleyo.

Uhamba elila. (2)

4.4 Bhala esi sivakalisi sibe kwixesha langoku.

Ndafika emkile. (2)

4.5 Nika isithetha-ntonye sala magama alendayo.

4.5.1 Umfazi

4.5.2 Imveku.

(2 × 2) (4)

4.6 Bhala izivakalisi ezibini uphuhlisa intsingiselo eyahlukileyo yala magama:

4.6.1 umzi (4)

4.6.2 ithanga (4)

4.7 Chonga isimelabizo kwezi zivakalisi zilandelayo uze uxele nodidi lwaso

4.7.1 Lo mkhuba ndiwuthiyile.

4.7.2 Oyena mntu uthetha khakhulu nanku.

4.7.3 Uchithe ukutya konke.

(3 × 2) (6)

4.8 Bhala izinciphiso zala magama alandelayo:

4.8.1 Umntu

4.8.2 umlambo

(2 × 2) (4)

4.9 Bhala izichasi zala magama alandelayo.

4.9.1 Umfana

4.9.2 Buthuntu

(2 × 2) (4)

4.10 Yakha iqhalo okanye isaci ngeli gama ‘ inkukhu’ (2)

4.11 Lithetha ukuthini eli binzana.

‘Ukuza kukaNxele’ (2)

4.12 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwingxelo-ntetho:

Mama: 'Akukho mntu ozakuhamba engatyanga'. (2)

[40]

AMANQAKU ECANDELO D: 40

ICANDELO E: ULWIMI OLUSETYENZISWA KUNXIBELELWANO

UMBUZO 5

5.1 Chonga igama elibonisa isichazi kwezi zivakalisi zilandelayo uze uxele uba sisiphawuli okanye isiphawuli

5.1.1 Ingubo yakhe ibomvu krwe.

5.1.2 Yeyona inkulu indlu yakhe

(2 × 2) (4)

5.2 Bhala izivakalisi ngezi zifanekisozwi zilandelayo:

5.2.1 Ngqo.

5.2.2 Buthuthu.

5.2.3 Qho.

(3 × 2) (6)

5.3 Gqibezela esi siqwengana ngokufakela amagama angezantsi ashiyiweyo. Bhala inombolo negama kuphela.

zaseFreyistata; ukunceda; ache; Grace; ekumathafa; neWepenaar; George; glasi; amagama; wayengafane; wayesoloko; wayesebenzisa.

Kwezo fama (5.3.1) … phakathi kweedolophana ezimbini, iZastron (5.3.2) … kwakukho ifama enkulu (5.3.3) … aleleyo. Umnini wale fama yayinguJoji, u (5.3.4) … ngolwimi lwasemzini. Wayenenkosikazi entle, intombi ekhutheleyo egama lingu (5.3.5) … UJoji lo (5.3.6) … iiglasi, ukunceda amehlo (5.3.7) … Uyabazi ke abantu bakuthi ngokuthanda ukuthiya abantu (5.3.8) … Naye ke uJoji lo igama elinguMehlomane.kuba (5.3.9) … ahlukane nezo (5.3.10) … zakhe.

(10)

[20]

UMBUZO 6

Matanisa izifanokuthi ezikuKholam B, zingqamelane nezikuKholam A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
6.1	Impembelelo.	A	Impatho gadalala.
6.2	Watyelela.	B	Iqela.
6.3	Ulawulo.	C	Ifuthe.
6.4	Ingcinezelo.	D	Wandwendwela
6.5	Igqiza.	E	Ukuphatha.

(5 × 2) **[10]**

AMANQAKU ECANDELO E: 40
AMANQAKU EWONKE: 140